## Umsebenzi

Isebe Likarhulumente Wasekuhlaleni eNtshona Koloni linikwe umsebenzi nguMgaqosiseko, onoxanduva lokubeka iliso nokuxhasa oomasipala ukuze bahambise ngeenkonzo kuluntu. Likwanoxanduva lokukhuthaza ulawulo olulungileyo koomasipala, ukubenza bakwazi ukuphucula ukuhanjiswa kweenkonzo.

## Umbono

Kukusebenza njengeqela elinako neliguqu-guqukayo livelisa/ libeka oomasipala kwisakhono sokukhokelwa ngokukuko ukuze banikezele ngeenkonzo kuluntu ngendlela apha ephendula ngqo kwizidingo, ezinzileyo nedibeneyo.



## Umsebenzi


Ukubeka esweni, ukulungelelanisa nokuxhasa oomasipala ukuze ibengabasebenzayo/ abanako ukufezekisa/ phumeza izigunyaziso zabo zophuhliso/ zokuphuhla ze kuququzelelwe unikezelo ngeenkonzo nokomelela kwintlekele ngobambiswano namasebe karhulumente kunye namaqabane entlalo.

## Izinto ezixabisekileyo

Siyazingca ngezi zinto zixabisekileyo, ukuba nenkathalo, ukuba nobuchule nokuthatha uxanduva lokwenza umsebenzi wethu ngokunyaniseka, ukusabela kwiimfuno zabachaphazelekayo nabathengi bethu, ngendlela ebonisa intsabelo, ngoxa silwela ukufumana iindlela ezintsha zokujongana neemfuno zoluntu lwethu.


# Izicwangciso Nokuphunyeziweyo Ngokwezimali

Kunyakamali ka-2022/23 isebe belinebhajethi epheleleyo eyi-R388 912 000 ebeyabiwe ngolu hlobo lulandelayo:




- Iinkonzo Zenkampani
- Ulawulo Lukamasipala
- Ukuthatha Inxaxheba Koluntu
- Uphuhliso Lwezakhono
- Ukusebenza Kukamasipala, Ukubeka iliso, Ukunika Ingxelo Novavanyo
- Ukudityaniswa Kokunikezelwa Kweenkonzo
- Inkqubo Yomsebenzi Wophuhliso Loluntu
- Izibonelelo Zikamasipala
- Ulawulo Lweentlekele
- Ukulungelelaniswa Kocwangciso Lophuhliso Oluhlangeneyo
- Ulawulo Lweziko Lwemveli (R478 000)

## Izalathisi Ezicwangcisiweyo Zentsebenzo Neethagethi ezicwangcisiweyo ezifikelelweyo










Isebe lisemi kakuhle ekufikeleleni zonke iziphawuli eziza kuhanjiswa njengoko kubonisiwe Kwisicwangciso Sobuchule sika-2020-2025.

# IZINTO EZIPHAMBILI KWINTSEBENZO

## Ukuqinisekisa utshintsho olutyibilikayo emva kolonyulo loorhulumente basekuhlaleni luka-2021

### Isebe Likarhulumente Wasekuhlaleni:

- lunikezele ngenkxaso nezikhokelo zomthetho ngokugcwaliswa kwezikhundla zolawulo oluphezulu.
- liququzelele iiwekshophu zokuxhobisa abasebenzi bakarhulumente basekuhlaleni ukuba babandakanyeke, batolike baze baphumeze imibhalo esemthethweni.
- lisebenzisana ngoku-bambeneyo Nesebe Lolawulo Lokusebenzisana kunye Nombutho Worhulumente Wasekuhlaleni eMzantsi Afrika (iSALGA) eNtshona Koloni, linike inkxaso koomasipala ukuze liqinisekise ukuba bakulungele ukuphumeza Imigaqo Nezikhokelo Zabasebenzi Bakamaspala Kurhulumente Wasekuhlaleni.
- lenze uvavanyo lokuhlola iCandelo 154 Lezicwangciso Zenkxaso ukuqinisa ulawulo, ubhaliso nokunikezelwa kweenkonzo.

# Uqeqesho nokuxhobisa

## Isebe Likarhulumente Wasekuhlaleni:



liqhube uqeqesho Lobona Buchule Buncinci Bukamasipala (MMC) kooceba ukuphucula ulwazi nezakhono.

kangangeminyaka emithandathu elandelelanayo, liye lawongwa Lisebe Lolawulo Lokusebenzisana ngokusebenza kakuhle ekubekeni iliso nasekuxhaseni oomasipala ukuze kuqinisekiswe ukuthotyelwa kokuphunyezwa koMthetho Womgangatho Wepropati kaMasipala.

liqhube uqeqesho lwezikolo zooceba zonyaka nabaphathi abaphakathi kumasipala, ngokubambisana neHanns Seidel Foundation.

liphumeze Inkqubo Yophuhliso Lweziseko ezizinzileyo Nezibonelelo Zezimali (SIDAFF) ukunikezela ngezisombululo zenkxaso-mali yeziseko zophuhliso lisenzela amaqela oomasipala eNtshona Koloni.

ligqibe Isicwangciso seminyaka eli-15 sokuMelana naManzi eNtshona Koloni ngoSeptemba 2022.

oomasipala abaxhasayo abaneZicwangciso Eziphambili Zombane, ezibenza bakwazi ukuqikelela iimfuno zexesha elizayo kwinkqubo yokusasaza umbane.

# Ukomeleza ujongano lwabemi

## Isebe Likarhulumente Wasekuhlaleni:



Iiqhube iinkqubo zemfundo yoluntu koomasipala abohlukeneyo ukuze lixhobise amalungu oluntu, kungekhona ngolwazi lwamalungelo neembopheleleko zabo kuphela, kodwa nangolwazi lokuqonda nokuxabisa indima abamele bayidlale ekuphembeleleni inkqubo yokwenziwa kwezigqibo kukamasipala.

Iixhase oomasipala abaneekomiti zeewadi zoqeqesho, ukuphuhlisa nokuphononongo izicwangciso zokusebenza zeeKomiti zeeWadi ukomeleza ukusebenza kweekomiti zeewadi.

Iidlale indima ephambili ekwenzeni uluntu luqonde ngakumbi ngokuxhatshazwa kwamabhinqa kwiingingqi ezahlukeneyo ngokubambisana nabona bantu bachaphazelekayo baphambili kuquka Abasebenzi Bophuhliso Loluntu. Iincoko noluntu bezijolise kwiingxaki zokuxhatshazwa kwamabhinqa. Inkqubo yeThusong iqhubeke iyeyona nkqubo iphawulekayo Yesebe yokukhokela amaphulo ohlukeneyo aqalisiweyo okuphucula ifuthe elihle kwezoqoqosho kuluntu.

# Ukucima kombane


## Isebe Likarhulumente Wasekuhlaleni:

Iincede oomasipala bathenge iijenereyitha ukuqinisekisa ukusebenza okuqhubekayo kwezityalo zokucoca amanzi amdaka namadama amanzi njengenyathelo elikhawulezileyo.

Lithathe amanyathelo aliqela okunceda oomasipala balawule baze banciphise ifuthe lokucima kombane ixesha elide ekunikezeleni iinkonzo ezisisiseko.

- uncedo ngeenkonzo zokucebisa ngobugcisa;
- uphuhliso lwezicwangciso zokusabela;
- ukusekwa kweentsebenziswano zikarhulumente nezabucala ezibandakanya intsebenziswano phakathi kwamasebe karhulumente kwiiprojekthi zokuphucula ubomi babemi;
- ukuvavanya izinto eziphambili zeziseko zophuhliso; kunye
- nokuququzelela ukusebenzisana ukuze kufunwe izisombululo ezizinzileyo.

# Ucwangciso Lokusebenzisana




Ukuhlanganiswa Kwengingqi Nendlela Yesixeko (JDMA) iphunyezwe ngempumelelo kwiPhondo liphela. Isekelwe ekusebenzisaneni kumacandelo ohlukeneyo karhulumente kwiindawo ezithe nkqo nezithe tyaba.

Iiprojekthi ezininzi zokukhawulezisa ezijolise kubemi zaqaliswa ukuphucula ubomi babantu namava abo okuphila.

Isebe liza kuqhubeka lisebenzisa eli qonga ekunikezeleni ngeenkonzo ezidityanisiweyo nezizinzileyo.

# Ulawulo Oluphezulu Lwesebe



Umphathiswa U-Rhulumente weSiphaluka
**Mnu. A Bredell**



Intloko yeSebe U-Rhulumente weSiphaluka
**Mnu. G Paulse**



Umongameli oyiNtloko
Ezemali
**Nkszn. B Sewlall-Singh**



Umongameli oyiNtloko
Inkxaso yoBuchule noMgaqo-nkqubo
**Mnu. A Dlwengu**



Umongameli oyiNtloko
Ubonelelo ngeeNkonzo ngokuManyeneyo
**Nkszn. N Zamxaka**



Umongameli
Ukuthatha inxaxheba koLuntu
**Mnu. C Mitchell**



Umongameli
Inkqubo yoMqeshwa woPhuhliso loLuntu
**Mnu. H Magerman**



Umongameli
Umanyano lokuNika iiNkonzo
**Mnu. M Pretorius**

Umongameli
IsiCwangciso soPhuhliso ngoku-Manyeneyo
**Asinamntu**



Umongameli oyiNtloko
Inkxaso nokuQwalasel-wa kokuHamba koMsebenzi kaMasipala
**Nkszn. E Barnard**



Umongameli
Amaziko okusebenzela kaMasipala
**Mnu. M Brand**



Umongameli
U-Lawulo lukaMasipala
**Mnu. K Makan**



Umongameli
Uphuhliso lwe-Zakhono neNkxaso kooMasipala
**Dr S Greyling**



Umongameli
Inkxaso eYodwa
**Mnu. G Birch**



Umongameli
UkuQwalaselwa koku- Hamba koM-sebenzi woMmandla neSiphaluka
**Mnu. N Rylands**



Umongameli oyiNtloko
Iinkonzo zoLawulo lweNtlekele neQela labaCimi-mlilo
**Mnu. C Deiner**



Umongameli
Ukuncitshiswa koMngcipheko weNtlekele
**Mnu. S Carstens**

Umongameli
Imisebenzi yeNtlekele
**Asinamntu**

# Iinkokheli Zethu

ISebe linezithuba ezili-17 zeSMS ezixhaswe ngemali, kubandakanya Intloko Yesebe, uMnu. G Paulse. Idibene noMEC Bredell, iHoD inika isikhokelo nolwalathiso ekufezekiseni iinjongo zeSebe.





UMphathiswa u-Anton Bredell

**UMphathiswa u-Anton Bredell** ngusoPolitiki ochongiweyo, ojongene noMgaqo-nkqubo woRhulumente wePhondo. Umdla wakhe wokuqhubela phambili iSebe ukuba liphumeze iiprojekthi ezizakuthi zenze umahluko kubomi babahlali.



uMnu Graham Paulse

iNtloko yeSebe, **uMnu Graham Paulse**, ngumsebenzi kwimisebenzi yoluntu onomnqweno wokubona uRhulumente Wasekuhlaleni njengendawo yezinto ezintsha eziza kukhokelela phambili ekuhanjisweni kwenkonzo ngokwempumelelo nangokufanelekileyo kulawulo loMphathiswa kwakunye nendlela eyiyo yoRhulumento.

## Iireferensi:

- Isicwangciso seNtsebenzo soNyaka 2021/22 kwakunye 2022/23
- Ingxelo yoNyaka 2021/22 kwakunye 2022/23
- ISicwangciso sobuChule semiNyaka emihlanu 2020/2025
- Umqulu wesivumelwano sokuNikezelwa kweNkonzo zoLuntu yeSebe

## Nceda uqhagamshelane nathi

**UmPhathiswa wePhondo**
**Mnu. Anton Bredell**

UmPhathiswa wooRhulumente Wasekuhlaleni, Imicimbi Yokusingqongileyo
Kunye Nocwangciso Lophuhliso
Private Bag x9186
Cape Town, 8000

**I-Ofisi yeNtloko yeSebe**
**Mnu. Graham Paulse**

Intloko yeSebe
Private Bag x9076
Cape Town, 8000

**Umntu Oqhagamshelana Naye**
UAlbert Dlwengu, UMALATHISI WOMGAQO-NKQUBO NENKXASO YOBUCHULE
Email: Albert.dlwengu@westerncape.gov.za
**ifowuni**: 021 483 8986 **ifeksi**: 021 483 0632

**Iwebhu-sayithi yePhondo: www.westerncape.gov.za**
**Umnxeba: 021 483 4997**